VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ISIPHAKAMISO SOKWAKHIWA KWESAKHEKO SEZOTHUTHO OLUNGENASANDI (OLUNGADUMIYO) ESILUNGELE WONKE UBANI EBRACKENFELL, KRAAIFONTEIN, WALLACEDENE NASEBLOEKOMBOS

ICandelo loLawulo loZinzo lezoThutho eDolophini lihlaba ikhwelo kumalungu oluntu namaqela anomdla ukuba angenise izimvo ngokumalunga nesiphakamiso sokuhlaziywa nolwakhiwo kwesakheko sezoThutho olungadumiyo (NMT) e Brackenfell, Kraaifontein, Wallacedene naseBloekombos. Inkqubo esemthethweni engokuvakalisa uluvo loluntu ngowona mbandela ubalulekileyo kweli phulo. Nangona iyinjongo yeSixeko ukumisela amanyathelo angokucuthwa kogxalathelwano lwezithuthi kuyo yonke imimandla edweliswe kwikhonkco elingezantsi apha, ke ngoko oko kuyakuthi kuxhomekeke ekufumanekeni kwenkxasomali.

**Amaqela anomdla nachaphazelekayo angaphononongа uyilo noluhlu lweendlela ezichaphazelekayo kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay.**

**Izimvo, izindululo, nezilungiso zingangeniswa, ngokuthi: (Ucaphule inombolo yesalathiso: 210242501)**

**I-imeyile:** RIM.PTI.Communication@capetown.gov.za
**Ngeintanethi:** www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye uskene ikhowudi yeQR apha ngezantsi
**Izimvo ezibhaliweyo:** kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu, kuMgangatho we3, kwiPodium Block, kwiZiko loLawulo leeNkonzo zoLuntu laseKapa, 12 Hertzog Boulevard, Cape Town 8001

**IBhungana 2:**

ii-Ofisi zikaMasipala, 87 Brighton Way, Kraaifontein

**AmaThala eeNcwadi:**

- Paradysstraat, Brackenfell
- Van Riebeeckstraat, Kraaifontein

**Zimasa usuku olungengcaciso kuluntu:**

- 13 eyoMdumba (Februwari) 2025 ukususela ngeye15:00 – 18:00 eBrackenfell Civic Centre, Paradys Road, Brackenfell
- 18 eyoMdumba (Februwari) 2025 ukususela ngeyo13:00 – 16:00 kwiThala leencwadi laseEikendal, Van Riebeeck Road, Eikendal

## ITHUBA LOKUVAKALISA IZIMVO

Ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela okanye imibutho enomdla luyakuthi lunikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ngokujoliswe kwisiphakamiso sokuhlaziywa nolwakhiwo lwesakheko esitsha esilungele wonke ubani sezothutho olungadumiyo (NMT) ukususela **ngoLwesibini 4 kweyoMdumba (Februwari) 2025 ukuya ngoLwesihlanu 7 kweyoKwindla (Matshi) 2025.**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.

# UXWEBHU (IFOMU) ENGOVAVANYO LOLUNTU

**Nceda unikezele iingcebiso / uluvo / ulungiso:**

.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................
.................................................................................................................................................

**Igama nefani:** ..........................................................................................................................

**Idilesi yendawo:** .......................................................................................................................

**Iinkcukacha zoqhagamshelwano**

**I-imeyile:** .......................................................................................................................................

**Umnxeba okanye inombolo yeseli :** ....................................................................................................

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhuba-zekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. Qhagamshelana noAndre Louw kwiYunithi engeNtathonxaxheba yoLuntu, ku021 400 9809 okanyeAndre.Louw@capetown.gov.za.

**Ukuze ufumane enye ingcaciso nemibuzo emalunga nesiphakamiso senkqubo, qhagamshelana neZiko lokufowunela leSixeko saseKapa kwa 0860 103 089 okanye usilandele kwa @CityofCTAlerts  ku X (Twitter).**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.